# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala



## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

UPam noLumka kunye noBathathe inja, bayawaka.

UBathathe akeva namhlanje ngokungathi ungenwe liphela endlebeni. Nanko ebaleka.

UPam noLumka bayamleqa. "Bathathe buya!" wambiza uLumka.



UBathathe ubalekela ngaseludongeni epakini. Nanko enukisa udonga.

Ingaba livumba lantoni eli alinukisayo mhlawumbi? Ingaba yibhola enombala obomvu nozuba?

Hawu-hawu! Hawu-hawu!

UPam uyabuza, "Ufumene ntoni Bathathe, kukho ntoni apho?" Ingaba lithambo elikhulu? okanye ufumene ikhowuni?

Hawu-hawu!

UPam noLumka balandela uBathathe bangena epakini.

Kwak-kwak! Kwak-kwak!

Owu bethuna! Lintshontsho ledada elitsha elimthubi. Usizana lwentshontsho lulahlekile. La mantombazana asondela ngakulo intshontsho ecotha.



"Ingaba ulahlekile ntshontshwana elihle elimthubi? Uyafuna sikuthathe sikuse edamini?" walibuza uPam.

Nanko uBathathe ekhonkotha kwakhona.
Hawu-hawu! Hawu-hawu!

"Hayi Bathathe! Musa ukulikhonkotha intshontsho," wamngxolisa ngelitshoyo uLumka.
"Uza kuloyikisa intshontsho ledada."

UPam noLumka balithatha idada balisa edamini.

"Nanku umama wakho notata wakho. Jonga naba noodade benu nabantakwenu bedada edamini," watsho uPam.



Kwak-kwak! Kwak-kwak!



"Alisathandeki ngako eli ntshontsho. Ndibawela sigoduke nalo," watsho uPam.

Intshontsho ledada elimthubi labashiya ladadela phaya.

"Ingathi intshontsho lifuna ukuhlala nosapho lwalo," utshilo uLumka.

Kwak-kwak! Kwak-kwak!

UBathathe ubone
intshontsho lidada edamini
naye wafuna ukudada.
Nanko etsibela emanzini elilandela.

Dyumpu! Dyumpu! Dyumpu!

"Hayi Bathathe! Awuva
kanene njandini. Phuma apho!"
utshilo uPam ecaphuka.



Waphuma uBathathe edamini. Wazivuthulula efuna ukuzomisa. "Hayi suka Bathathe! Jonga ngoku undimanzisile! Masigoduke," utshilo uLumka.

UBathathe wabulisa kumhlobo wakhe omtsha.

Hawu-hawu! Hawu-hawu!

Zinonophele izilo-qabane zakho!





## Masicule!

# Nikhe nawabona na amadad' amahle?




Nikhe nawabona na
Amadad' amahle
Xa eya edamini
Amadad' amahle
Linye mabini
Amadad' amahle





Mathathu mane
Amadad' amahle
Mahlanu thandathu
Amadad' amahle
Sixhenxe sibhozo
Amadad' amahle
Lithoba lishumi
Amadad' amahle







# Malunga namadada

Amadada ayazalana namarhanisi noontamonde.
Amadada aneenyawo ezinenwebu phakathi kweenzwane eziwancedayo xa equbha.
Anemilomo etsolo.
Akwaneentsiba ezingangenwa manzi.
Idada eliliduna kuthiwa yinkunzi ze elisisikhomokazi kuthiwe yimazi, abantwana kuthiwa ngamantshontsho amadada.



















# Imisebenzi yokufunda yamaqela

1 Jonga imifanekiso.
Xelela umhlobo wakho ukuba kwenzeka ntoni emfanekisweni ngamnye. Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi ofanele ukuba sekuqaleni, owesibini owesithathu nowokugqibela. Balisela umhlobo wakho kwakhona usebenzise imifanekiso.



2 Yenzani umdlalo nilinganise ibali.

3 Phendula le mibuzo ilandelayo ngomlomo.


a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abalinganiswa abaphambili ebalini?
c. UPam noLumka babafumana phi abazali bentshontsho ledada elimthubi?





Ucinga ukuba uBathathe nentshontsho ledada baya kuhlala bengabahlobo?
Nika isizathu sempendulo yakho.
Xela imibala ekhankanywe kweli bali.



4 Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso ohambelana neliphi igama. Funda isivakalisi esihambelana nomfanekiso kunye negama.











| | |
|---|---|
| ithambo | Ingaba lithambo elikhulu? |
| uBathathe | Yibhola ebomvu nazuba. |
| ibhola | Ingaba uyalibona idada elimthubi? |
| ifowuni | UBathathe yinja kaPam noLumka. |
| idada | Ingaba yifowuni? |



**5** Fundela umhlobo wakho ezi zivakalisi. Sebenzisa la magama nemifanekiso ugqibezele izivakalisi.

| uBathathe | edamini | intshontsho ledada | **intaka** |
|---|---|---|---|

| | |
|---|---|
| umzekelo:  | intaka icula emthini. |
|  | UPam no__________ bayawaka. |
|  | uBathathe ubona __________ elimthubi. |
|  | UPam noLumka balithatha intshontsho ledada balisa _________. |



**6** Khuphela isivakalisi sibe sinye encwadini yakho. Zoba umfanekiso ohambelana nesivakalisi sakho.

# IBANGA 1 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 2

# Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | UBathathe unomhlobo omtsha |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yesi-3 Inqanaba 2 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | waka, leqa, owu bethuna, usizana, ukungeva, ukungxolisa |
| Isigama: | ukukhonkotha, ukucaphuka, hawu-hawu, idama, vuthulula, intshontsho, ukudada, ukunukisa, ifowuni, usapho, udadewenu, umntakwenu, ukumanzisa |
| Izandi: | kw, ntsh, aa, ngx, nt, nts, nz, oo, nw, tsh, hl, ts. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Dwelisa imifanekiso ngokokulandelelana kwayo.<br>▪ Balisa ibali kwakhona.<br>▪ Phendula imibuzo elula.<br>▪ Tshatisa inkcazelo, umfanekiso nesivakalisi.<br>▪ Gqibezela izivakalisi.<br>▪ Khuphela isivakalisi esisebalini.<br>▪ Zoba umfanekiso obonisa isivakalisi. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USele uya esikolweni
- Ndiyakwazi ukufunda
- Siya esikolweni
- Usuku lwemidlalo yezilwanyana

### Inqanaba: 2

- Siyayithanda ibhola ekhatywayo
- Silinganisa iimpahla
- UBathathe unomhlobo omtsha
- UTshotsho ilori etiphayo

### Inqanaba: 3

- Isikhukukazi esibomvu
- ULinda uya kwagqirha
- Iphupha likaDudu

ISBN 978-1-4315-2632-1
9 781431 526321

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2632-1

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.